goeie nuus vir almal vir altyd
good news for all for ever

Thixo Ongamandla Onke noNgunaPhakade

Siyakubulela ngeminyaka engaphezu kwa makhulu amabini yomsebenzi weQumrhu leBhayibhile eMzantsi Afrika, ebenokwenzeka ngobabalo lwakho olumangalisayo.

Sithandazela ukuqhubeka kwesikhokelo nentsikelelo phezu komsebenzi weQumrhu leBhayibhile, eMzantsi Afrika nakubo bonke uBudlelwane baMaqumrhu eBhayibhile aManyeneyo, khonukuze bonke abantu bezwe lethu, nabantu bonke bomhlaba, babe nokukuva uthetha nabo ngolwimi lentliziyo yabo,

Someleze sibe nokuzihlangabeza iimfuno zeBhayibhile zesizukulwana sethu, ngemisebenzi yenguqulelo nangokusasazwa kweendidi zonke zeBhayibhile ezifikelelekayo. Sikelela abo banikela ngokukhululekileyo ukuze oku kwenzeke. Sithandazela umanyano nanjengoko sisebenza sonke nombono weBhayibhile kwisandla ngasinye kunye noweLizwi lakho kwintliziyo nganye.

Ngamana iLizwi lakho “laba kukukhanya kumendo wethu” kunye “nesibane sethemba kubo bonke”. Ngamana ladunyiswa iGama lakho najengoko iLizwi lakho lizalisekisa injongo olithumelela yona.

Ngo Yesu Krestu iNkosi yethu,

Amen